# I COSATU IZOBE INDLELA EYA PHAMBILI

**Zingaphezulu kwe 300 izithunywa ebezizimase Inkomfa Yomkhankaso weCOSATU ebibanjwe ngomhla we 26-28 Matshi 1993. Inkomfa ixoxe iqela lemiba ebalulekileyo ejongene nombutho kwaye yaqwalasela kabanzi ezona nkqubela zibalulekileyo embuthweni ngokubanzi. Emva kwengxoxo ezizikileyo zamalanga amathathu inkomfa iphumeze inkqubo yentshukumo ka 1993.**



Inkomfa isamkele isiphakamiso se Nkqubo Yokwakhiwa ngokutsha kunye noPhuhliso esibekwe phambili yiCOSATU ukuba sixoxwe ngamalungu ngokubanzi. Yimibutho yomithathu yobumbano kunye nezinye iintlangano. Inkqubo iyakuphakamisa ulwakhiwo ngokutsha olucetyiweyo noluphangaleleyo loluntu lwethu kumgagatho wentlalo noqoqosho, nakumgagatho wesizwe ukuqinisekisa ukuba intando yesininzi entsha ilungisa ngokufanelekileyo iimfuno zesininzi. I COSATU inethemba lokubona iqonga lokhetho liwaqulathile amabakala abalulekileyo ale nkqubo, kwaye kuphunyezwe icebo elihlangeneyo kunye nendlela yokuba ingenziwa njani le nkqubo. Inkngolo Ekhawulezileyo ye COSATU izakubanjwa ngo September walo nyaka, ukuze iphumeze isiphakamiso se Nkqubo Yokwakhiwa Ngokutsha, kubandakanya nengcinga yokufikelela kwisivumelwano Sokwakhiwa Ngokutsha ne ANC. Inkomfa igqibe ngokuba i COSATU iphose isisindo sayo sonke kumkhankaso wokhetho ozayo. I COSATU izokuthatha inkqubo yayo yodwa yokufundisa ngovoto ukuqinisekisa ukuba abasebenzi abaninzi bayaya kwizikhululo zovoto ngobuninzi babo. Umbutho uyinqinile into yokuhlaselwa kakubi okwenziwa kwimibutho yabasebenzi ngemidendo, ngolakhiwo olutsha labucala, ukuhlaselwa kothethathethwano lomvuzo nangezinye iimeko zokusebenza kunye nezixholoxholo zesizwe. Icacile into yokuba iziphakamiso zokuchasa umbutho eziqulathwe Licebo Elichaza Uqoqosho luka Derek Keys kunye Nomthetho Wamalungelo Abantu karhulumente akunje ngokuba besitsho, amaqaku ambalwa akhokelela ezingxoxweni. I COSATU izakungenelela ukunceda imibutho engaphantsi kwayo apho amanyathelo abucala athathwayo ngabaqeshi okanye ngurhulumente okubulala izakhiwo esinye sothethathethwano ngomvuzo nangemeko zokusebenza, njenge mizimveliso yokwakha kunye neminye. Ngaphezu koko iphakamise umba obukhali Kwiqonga Loqoqosho Lesizwe (NEF) ophazamisa ukuxoxwa komgomo osetyenziselwa ukubulala injongo yamaqonga othethwano. Inkomfa isilungisile isimo kwicandelo lika rhulumente, kubandakanya imfundo, esiziswe kukungakhathali kuka rhulumente namanyathelo abucala anyanzelisa ukuphungulwa kwemivuzo yenyani nokudilizwa kwabasebenzi. I COSATU izakusebenzisa inkqubo yentshukumo ezakuxhasa imibango yabasebenzi bakarhulumente yomvuzo ophilisayo kunye Nomthetho omnye Wabasebenzi (LRA) kwaye kurhoxiswe ukuphungulwa kwabucala kwicandelo lika rhulumente, ngakumbi apho olu phungulo linciphisa iinkonzo ezinceda uluntu esezivele zimbi kakade. Imingcelele izokubanjwa ngomhla we 8 Meyi 1993 eqondene nesimo kwicadelo lika rhulumente. Inkomfa igxeke ivekile zokutya ngokuhlasela amabanga entlalo abasebenzi namahlwempu. Ngelithuba imivuzo yokwenyani isehla abaqeshi bawo onke amacandelo bavuyela into emuncu yokudiliza. Kwangaxesh' anye amaxabiso anyuka ngezinga elikhawulezayo. Isaziso sika Derek Keys se VAT nokunyuka kwamafutha emoto sekuqalisile ukunyusa amaxabiso, kubandakanya izithuthi, iinkonzo zeposi njalonjalo. Umbutho uzokuqinisa umkhankaso wokungafakwa unyuso lwe VAT emayezeni, kumbane nakumanzi. I COSATU iqalisile ukuqwalasela banzi umdendo oqhubekayo kungokunje kwaye izokumisela umkhankaso wesizwe wokuchasa imidendo. Umkhankaso wokudala umsebenzi kwimisebenzi karhulumente nolwakhiwo olutsha lemizimveliso uzokumiselwa ngaxesh' anye. Inkomfa ukugximbile ukuqina kwentloko karhulumente osesihlalweni ngokuqhubeka nolawulo lwakhe lwe SABC. I COSATU izimisele ukuphum' iphulo lokwayo lelayisensi ze SABC kwaye inyanzelise kwinkampani apho i COSATU iququzeleke khona ukuba ziyeke ukwenza imiboniso kwi SABC. Inkomfa ikugxininisile ukubaluleka kokuququzelelwa kwabasebenzi, oomama kunye nabantu basemaphandleni abangaququzelekanga. I COSATU izokungenela inkqubo ebalulekileyo yokuhambela abasebenzi ukuyokwenza ingxelo ngale miba nangezinye izigqibo ezizokubaqinisa ekungeneleleni kwimiba ebalulekileyo yezopolitiko neyoqoqosho yanamhlanje kubandakanya kwindawo yokuphuhlisa umgomo.

## IPHELILE IRHAFU KUMRHOLO WOMDILIZO

Urhulumente wazise ukuba abasebenzi abadiliziweyo abazokuyihlawula irhafu kwakhona kwiimali zokuphelelwa yimisebenzi yabo. Basenza esi saziso emva kweminyaka emibini yomkhankaso we NUM. Okokuqala i NUM yaphakamisa umbango wokupheliswa kwerhafu kwintlawulo yomdilizo ngo 1991 kwintlanganiso yokuqala yemizimveliso yomgodi (Mining Industry Summit.

Kusemva kokuba amalungu amaninzi ekhalazile ukuba urhulumente uthatha amanani amakhulu emali azitsala kwirhafu yentlawulo zabo zomdilizo. Ayilunganga kwaphela lento, kuba abasebenzi abaninzi bathatha ithuba elide ekufumaneni eminye imisebenzi. Le mali bayifunela ukuphila ngayo.

Ikomiti yenqila eFree State yade yaya yayokuzibonela Umzi Ogcina Irhafu (Receiver of Revenue) kunye nabaphathi bemayini beyokucela ukuba urhulumente ayeke ekweba imali yabasebenzi abadiliziweyo. Umzi Ogcina Irhafu wala, wabaxelela ukuba ulandela umthetho.

I NUM yaqalisa ukukhankasa kwintlanganiso (Summit) eyabizwayo ukuze kube nokutshintshwa umthetho werhafu. Kengoku umthetho utshintshiwe:

Ngokotshintsho lomthetho, lemiqathango elandelayo iyakusetyenziswa:

- Abasebenzi abadilizwe emva komhla we 1 Matshi 1992 (kunyaka opheleleyo) abatsalelwa irhafu kwiimali zabo zomdilizo bangayifumana imali yabo kurhulumente. (inchukacha zokuba bazokuyifumana njanina, siyokunika kwikhasi elilandelayo le NUM News).
- Abasebenzi abadilizwayo ngoku ukuya phambili abazokutsalelwa irhafu kwintlawulo zabo zomdilizo.
- Imali yomdilizo ayizokurhafiswa ngaphandle kokuba ingaphezu kwe R30 000. Ukuba ingaphezulu kwe R30 000 irhafu ayakubhatalwa.
- "Ukuphela kwerhafu kwintlawulo zomdilizo" umthetho uyokusetyenziswa kubasebenzi bonke, hayi kumalungu e NUM kuphela okanye abasebenzi mgodini kuphela.

Ngumsebenzi wokuqala obonakalayo owenziwa yintlanganiso yemigodi (Mining Summit), iqonga apho i NUM neminye imibutho kumzmveliso womgodi behlangene nabameli babaqeshi nabakarhulumente bexoxa ngemiba ebalulekileyo yemfuno ezifanayo. Indima ye NUM iyakuvuma ukuqinisekiswa kotshintsho komthetho werhafu ngu Mphathiswa Wezimali, u Derek Keys, xa ebewisa isaziso ngethuba lentetho yakhe yohlahlo lwabiwomali epalamente ngomhla we 17 Matshi 1993. Ukungahlawulwa kwerhafu kuzo kudla urhulumente izigidi ezilikhulu zamarandi (R100 million) kunyaka ozayo kwirhafu ezizolahlekela kwipokotho zabadiliziweyo.

## UQABANE u JOE SLOVO – USIHLALO WE SACP NGAMAZWI OKUHLONIPHA U CHRIS HANI

Ngabasebenzi namahlwempu abangela ukuba u Qabane u Chris athath' izixhobo. Ikwangabo ababangela ukuba aqumle umlambo i Zambesi ne MK ayokulwa kwidabi lase Wankie 1967. Yile misebenzi yakhe eyabangela ukuba abe lilungu lokuqala le ANC NEC elabuyela e Mzantsi Afrika ngeminyaka yo 1970's ukuzokwakha i ANC ngaphantsi. U Chris Hani ebesoloko ekhokela ngaphambili kwi ANC ngaphantsi, nase Bisho kunyaka opheliléyo. U Chris Hani ebengeyiyo inkokheli ehlala e ofisini, kodwa ibeyikhomanda yalapho kuqhubeka izinto khona (hayi ngengqondo yomkhosi yodwa). Ebengalindeli nabanina enze into engazimiselanga ukuyenza yena ngokwakhe. Wayenentlanganisela eyohlukeneyo yamandla engaqhelekanga:

- Wayekrelekrele engumntu othetha ilwimi zamahlwempu;
- Ebekwazi ukuba kukhokelwa njani, kwaye ekwazi ukuba kulandelwa njani;
- Ebenguntu olwela inguquko, ebe ngukuphazamisi ukulwela inguquko nengxolo;
- Ngokwendalo, ebengumntu onoxolo kwaye elunge kakhulu. Ebezicaphukela izixholoxholo nobugebenga onbungakhathalisekiyo.

Ngaphezu koko, into emasingayilibali yinto yokuba uqanabane u Chris wayeli Kominisi. I Komianisi lokwenyani. Wayiphakamela i Socialism. Ngoko kwakhe i Communism yayingeyongcinga kuphela. Ngoko kwakhe i Communism yi:

- misebenzi kwabangena msebenzi;
- Ikhaya kwabangena khaya;
- Umvuzo ophilisayo kubasebenzi;
- Ithemba kulutsha;
- Ubomi obunesidima kwabadala;
- Ukukhathalelwa kwempilo mahala kunye nemfundo ephucukileyo kuthi sonke.

Lena yinto ewayeyimele kwaye yinto ayifeleyo. Kwihlabathi liphela, kumahlwempu omhlaba, i Party ebikhokelwa ngu Hani ibe sisibane esikhanyayo.

**MASIHLONIPHE NGOKUKHUMBULA I QABANE LETHU ELIWILEYO**
**MASAKHENI I COMMUNIST PARTY EQINILEYO NENAMANDLA**